**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngesiXhosa esisulungekileyo.

4. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise uze uwuhlele umsebenzi wakho.

6. Isicwangciso soyilo MASIKHOKELE umsebenzi wakho.

7. Isicwangciso sakho masibhalwe ngokucacileyo.

8. Icandelo ngalinye labele ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: imizuzu engama-80
   ICANDELO B: imizuzu engama-40
   ICANDELO C: imizuzu engama-30

9. Nombola imibuzo ngendlela ekwenziwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

10. Nika isihloko esifanelekileyo kumbuzo ngamnye.

11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

12. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.

13. UBUDE BEEMPENDULO

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | 340 – 390 amagama |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | 100 – 120 (umxholo kuphela) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | 80 – 100 (umxholo kuphela) |


## ICANDELO A: IZINCOKO


Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.


### UMBUZO 1

1.1 Bhala isincoko esithi, "Ubuhle nobungozi bendalo". Ncoma ugxeke ngokubhekisele emntwini nakwizinto ezisingqongileyo.









**[50]**

**OKANYE**

1.2 Indawo ohlala kuyo ihlaselwe yinkanyamba ethe yatshabalalisa izakhiwo batsho abantu basala bengenamakhaya, bambi basweleka kwafa nezilwanyana. Balisa ngokwenzekayo. **[50]**

**OKANYE**


1.3 Imfundo ayikhulelwa. Kule mihla abantu abadala bafumanisa ukuba nakubo asekho amathuba okuba bafunde. Xoxa kuvokotheke ngalo mbandela. **[50]**

**OKANYE**

1.4 Kutshanje kuqhutywe unyulo jikelele eMzantsi Afrika. Bhala isincoko esithi, "Xa ndinokuba nguMongameli woMzantsi Afrika kwiminyaka emi-5 ezayo". **[50]**

**OKANYE**

1.5 URhulumente weDemokhrasi wenze izithembiso zobomi obungcono kubemi beli. Ingaba uphumelele na ukufezekisa izithembiso zakhe? Bhala isincoko ubonisa indima ayidlalileyo ekuphuculeni ubomi babantu.



**[50]**

**OKANYE**

1.6 Kubonakala ziza kuba ninzi izinto eziza kube zitshintshile eMzantsi Afrika ngonyaka wama-2010. Chaza izinto ezenzekayo ezibonisa ukuba uMzantsi Afrika uya kuba ukulungele ukuyisingatha imidlalo yeNdebe yeHlabathi. **[50]**

**OKANYE**


1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi ubhale naluphi udidi lwesincoko. Nika isihloko esifanelekileyo.




**[50]**

**OKANYE**

1.8 Emva kokuqwalasela lo mfanekiso ungezantsi, bhala naluphi udidi lwesincoko usinike isihloko esifanelekileyo.



**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala i-100 – 120 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

### UMBUZO 2

2.1 **IMEMORANDAM**

Ukutyeshelwa kokusetyenziswa koswazi ezikolweni zethu kukhokelele kwingxubakaxaka yokungalawuleki kwabafundi. Bhala imemorandam eya kuMphathiswa wezeMfundo wePhondo lakho. Dwelisa zonke izinto eziziziphumo ezibangelwa kukupheliswa kokusetyenziswa koswazi ezikolweni. **[30]**

**OKANYE**

2.2 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Kwidolophu ohlala kuyo kugcwele izilwanyana ezitshayiswa zizithuthi ezindleleni umhla nezolo neziyingozi kubomi babantu. Bhala ileta eya kuMhleli wephepha-ndaba, "Izimvo Zabantu", ubonise ukukhathazeka kwakho nendlela enokuthi isonjululwe ngayo le meko. **[30]**

**OKANYE**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

UCeba weNgingqi ohlala kuyo uswelekile. Ucelwe ukuba ubhale imbali yakhe yobomi (i-obhitshuwari). Bhala i-obhitshuwari uchaphazele ezi zinto zilandelayo: umhla wokuzalwa, owokusweleka, indawo awazalelwa kuyo, abazali bakhe, imfundo, umsebenzi, umtshato, izinto azibalule ngazo okanye indima ayidlalileyo ekuhlaleni nezinye. **[30]**

**OKANYE**

2.4 **ISIVI**

Ibhanki enkulu kwindawo ohlala kuyo ikhuphe isibhengezo sesipho-mali esilungiselelwe abafundi bebanga le-12 abagqwesileyo kwizifundo zezoQoqosho ukuba baye kufunda kwizikolo zemfundo ephakamileyo. Umfundi ofuna ukuxhamla kule nyhweba makaqale athumele isivi yakhe. Bhala isivi equlethe zonke iinkcukacha ngawe ukutsala umdla wabachongi besi sipho-mali. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.


3.1 **IKHADI LESIMEMO**


Ugqibe iminyaka engama-21 uzelwe. Abazali bakho baza kukwenzela itheko lokuvuyisana nawe. Yila ikhadi lesimemo elinomtsalane, umeme abahlobo bakho. Kwisimemo sakho chaphazela izinto ezifana nomhla, indawo, ixesha, umxholo nesinxibo. **[20]**

**OKANYE**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala kwidayari isicwangciso samalungiselelo akho eeveki ezimbini phambi kokuba ubhale iimviwo zokuphela konyaka zamaphepha esiXhosa.



**[20]**

**OKANYE**

3.4 **IPOWUSTA**

Uziqalele ishishini lokulungisa iinwele kwindawo ohlala kuyo. Yila ipowusta ngeyona ndlela inomdla, wazise uluntu ngalo. Kwipowusta yakho chaphazela izinto ezifana nendawo, amaxabiso nomnxeba. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha